## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

### 1.1 ISICATSHULWA A

1.1.1 Uza kuthetha ngabantu abatsalela abanye ezantsi.✓ (1)

1.1.2 'Kuzo zonke iindawo ehlabathini uya kusoloko udibana nabantu abafuna ukuba ube livila elinolunya njengabo.'✓ (1)

1.1.3 Ubonakalisa ukuba abathembekanga bonke abahlobo✓/ akunakuthemba nalowo ungumhlobo. ✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

1.1.4 Esikolweni✓/EYunivesithi✓/Emsebenzini✓/Eklabhini✓/Ecaweni.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

1.1.5 Ukutshaya✓/ukusela utywala✓/nokusebenzisa iziyobisi.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

1.1.6 Ukuzinxwema✓/ukuzisusa✓/ukuzoyisa✓/ukuzithibaza.✓/Ukuzibhe-kelisa.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

1.1.7 Ngabo kunzima ukubabona✓/nabo unyanzelekileyo ukuba udibane nabo.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

1.1.8 Yinyani.✓ (1)

1.1.9 Ngabantu abangafuni kuqhubela phambili,✓nabo bangafuni kubona mntu oqhubela phambili.✓ (2)

1.1.10 Kungenxa yokuba uthabatha inxaxheba ezifundweni ukuze uqhube kakuhle kuzo.✓ (1)

1.1.11 Kukuya kuzo zonke izifundo✓/ukwenza umsebenzi wakho wesikolo ngexesha.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

1.1.12 B✓/ukusoloko unento oyenzayo✓/B. ukusoloko unento oyenzayo.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

1.1.13 Kukuzazi ukuba ufuna ntoni ebomini, uzibekele izinto ofuna ukuziphumeza.✓ (1)

1.1.14 Basebenzisa izigrogriso✓/ basasaze namarhe ngawe✓/benzele phantsi umsebenzi wakho.✓
(Nasiphi na isibini) (2)

1.1.15 Ukumelana nengxaki.✓/ukuzikhupha kule ngxaki✓/ukuzama ukuzihlangula engxakini.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

1.1.16 Ndiyavuma, kuba kukho abantu abakufutshane nawe nonokubhenela kubo njengomphathi wakho.✓ (1)

1.1.17 Xa ubona omnye umntu ephumelele nawe uyakhuthazeka ufune ukufana naye.✓ (1)

1.1.18 Ndiziva ndikhuthazekile✓/ndinqwenela ukuphumelela.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

1.2 **ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

1.2.1 Kwigumbi lokufundisa✓ /lokufundela✓/lokufunda✓/eklasini.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

1.2.2 Yibhodi ✓/ngabafundi abanxibe isinxibo sesikolo✓/ziidesika.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

1.2.3 Ngutitshalakazi.✓ (1)

1.2.4 B✓/Obalasele kwinto ethile✓/B. Obalasele kwinto ethile.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

1.2.5 Umamele le nto ayithethayo✓ /uphulaphule.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

1.2.6 Zizibalo.✓ yimathematika.✓ (1)

1.2.7 Kukwahlula-hlula.✓/ukwahlula.✓ (1)

1.2.8 Ufuna ukuba yinjinga kumdlalo wevidiyo.✓ (1)

1.2.9 Yomibini le mixholo ixhobisa abantu ukuze baphumelele.✓✓ (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2 (iingongoma okanye umhlathi, zombini zamkelekile.)

Isishwankathelo masikorekishwe ngolu hlobo lulandelayo:

- **Ulwabiwo- manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7.
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
  - 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1
  - 4–5 amanqaku: Nika amanqaku ama-2.
  - 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo naxa becaphule:**

  - 1–3 amanqaku acatshulweyo nama-3 ukuya-4 amanqaku anikwe ngumlingwa ngamazwi akhe: Nika amanqaku ama-3
  - 4–5 amanqaku acatshulweyo nama-2 amanqaku anikwe ngumlingwa ngamazwi akhe: Nika amanqaku ama-2
  - 6 amanqaku acatshulweyo nenqaku eli-1 elinikwe ngumlingwa ngamazwi akhe: Nika inqaku eli-1
  - 7 amanqaku acatshulweyo: Akukho manqaku anikwayo.

**QAPHELA:**

- **Imo:**
  Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.
- **Ubalo-magama**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingiweyo ungawahoyi alandelayo.

Umlingwa uya kuchankcatha kula manqaku.

**IINGONGOMA**

- Inkokheli kufanele ukuba ithatha isigqibo ngokuqesha nokugxotha.
- Abantu singabohlula babe ngamanqanaba amathathu, abarhuqa iinyawo, abenza isiqhelo nabagqwesayo.
- Amavila nabenza oko kulindelekileyo bangaphezulu kwezikhuthali kumashishini, yiyo loo nto izinhanha zimbalwa.
- Xa ufuna ukuphumelela zisuse kumavila uzibandakanye nabantu abagqwesayo.
- Sebenza ngamandla ungaqhayisi kwaye uzibekele umlinganiselo ophezulu ukuze ungaweli ezantsi.
- Zininzi iindlela ezinokukufikisa empumelelweni, wena zikhethele ezikufaneleyo.
- Balasela kuyo yonke into oyenzayo ukuze abantu bangayikhalazeli intlawulo oyibizayo.
- Ziphuhlise ngokwemfundo ukuze ukwazi ukumelana nemiceli-mingeni yale mihla.

(Inani lamagama: 70) **[10]**

**OKANYE**

Umlingwa uya kuchankcatha kula manqaku.

**UMHLATHI**

Inkokheli kufanele ukuba ithatha isigqibo ngokuqesha nokugxotha.
Abantu singabohlula babe ngamanqanaba amathathu, abarhuqa iinyawo,abenza isiqhelo nabagqwesayo. Amavila nabenza oko kulindelekileyo bangaphezulu kwezikhuthali kumashishini, yiyo loo nto izinhanha zimbalwa. Xa ufuna ukuphumelela zisuse kumavila uzibandakanye nabantu abagqwesayo. Sebenza ngamandla ungaqhayisi kwaye uzibekele umlinganiselo ophezulu ukuze ungaweli ezantsi. Zininzi iindlela ezinokukufikisa empumelelweni, wena zikhethele ezikufaneleyo. Balasela kuyo yonke into oyenzayo ukuze abantu bangayikhalazeli intlawulo oyibizayo. Ziphuhlise ngokwemfundo ukuze ukwazi ukumelana nemiceli-mingeni yale mihla.

(Inani lamagama: 70) **[10]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: ULWIMI

### UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

3.1 Kukuloba okanye kukutsala abathengi.✓ (1)

3.2 Abathengi beencwadi.✓ (1)

3.3 Ngabantu abanamava nabanobuchule bokubhala iincwadi zesiXhosa.✓✓ (2)

3.4 C✓/Ofike mva uya kuphoswa✓/C. Ofike mva uya kuphoswa.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

3.5 Ewe/hayi. Ziincwadi ezibonakala zinemfundiso nomtsalane kubathengi/ Zininzi iincwadi ezinokuthengiswa.✓

(Iimpendulo zabafundi ezifanelekileyo ziya kwamkelwa.) (1)

3.6 Kukunika umfanekiso othe gca weencwadi ezithengiswayo.✓ (1)

3.7 Amaxabiso ayafikeleleka kubantu bonke.✓ (1)

3.8 Kukwenzela ukuba abo banomdla bakwazi ukunxibelelana nabathengisi.✓ (1)

3.9 Ngokuziselwa iincwadi abazithengileyo mahala.✓ (1)
**[10]**

### UMBUZO 4: IKHATHUNI

4.1 Bangomso.✓ (1)

4.2 Inkomo enotshobo ayinqandwa.✓
(Naliphi na elifanelekileyo) (1)

4.3 Ukholelwa.✓ (1)

4.4 Liphuhlisa ukuba uChiskop unomsindo.✓✓ (2)

4.5 Ukungawakhathaleli amasiko nezithethe.✓/Ukuwasingela phantsi amasiko nezithethe.✓/Uphoxisa ngamasiko nezithethe. ✓
[Nayiphi na kwezi] (1)

4.6 Langoku.✓
Isinxibo sabo✓/indlela eyenziwe ngayo intloko kaRasta✓/iinwele zikaRasta neminqwazi esentloko.✓/ulwimi abalusebenzisayo abanye✓/indlela ababizana ngayo.✓
(Nayiphi na kwezi) (2)

4.7 Ukukhathazeka✓/ukucaphuka✓/umsindo.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

4.8 A.✓/singavisisani ngomcimbi esithetha ngawo✓/A. singavisisani ngomcimbi esithetha ngawo.✓ (1)
**[10]**

**UMBUZO 5: ISICATSHULWA**

5.1 Indawo.✓ (1)

5.2 Ngu-embi lichaza isibizo u-into.✓ (1)

5.3 Sicacisa isenzi u-thi✓/sisetyenziswe emva kwesenzi u-thi.✓ (1)

5.4 Ndingayilibali.✓ (1)

5.5 Isiphene li- ofanele ukuba ngu-lu-✓/liyazilibala = luyazilibala✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

5.6 Kwelabafileyo✓/Ekufeni✓/apho kungekho kuphila✓/ongaphiliyo.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

5.7 Ukubuyisa✓ /ukuphindisa.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

5.8 Isenzo esenzelwa omnye umntu✓/enceda omnye umntu.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

5.9 Ubunini✓/ukubanga.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

5.10 B✓/ukuba usisakhi sibanjalo.✓/B. ukuba usisakhi sibanjalo.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**